

## Izingqisho Zobomi



### Sabatha Emva Kwemini

#### Fundela Isifundo Sale Veki:

Genesis 1, Gen. 8:22, Nd. 90:10, Yobhi 1:13–19, IZenzo 9:1–22, Filipi 1:6, Rom. 8:1.

#### Indima Yenkumbulo:

“Into yonke inexesha layo elimisiweyo, nomcimbi wonke unexesha lawo phantsi kwezulu” (Intshumayeli 3:1).

**E**minye yemibongo emnandi eyaka yabhalwa yavela kuSolomon: “Into yonke inexesha elimisiweyo, nomcimbi wonke unexesha lawo phantsi kwezulu: ukuzala kunexesha lako, ukufa kunexesha lako, ukutyala kunexesha lako, ukunyothula okutyaliweyo kunexesha lako; ukubulala kunexesha lako, ukuphilisa kunexesha lako; ukuchitha kunexesha lako; ukulila kunexesha lako; ukuhleka kunexesha lako; kukho ixesha lokulila umbambazelo, kukho nexesha lokudloba; kukho ixesha lokuchithachitha amatye, kukho nexesha lokufumba amatye; ukuwola kunexesha lako, ukuyeka ukuwola kunexesha lako; ukufuna kunexesha lako, ukulahlekelwa kunexesha lako; ukugcina kunexesha lako, ukulahla kunexesha lako; ukukrazula kunexesha lako, ukuthunga kunexesha lako; ukuthi cwaka kunexesha lako, ukuthetha kunexesha lako, ukuthanda kunexesha lako, ukuthiya kunexesha lako; kukho ixesha lemfazwe, kukho nexesha loxolo.” (Intsh. 3:1–8).

Loo mazwi athimba okuninzi kobukho babantu—amaxesha, nokuhla-kunyuka kobomi bethu. Kunjalo, ubomi bethu buphumela kumanqanaba, kwiinguqu, kwaye oko kuqala ngomzuzu wokuzalwa kwethu. Maxa wambi iinguqu zilungile, maxa wambi azilunganga; maxa wambi siya kwazi ukuzilawula, maxa wambi akunjalo. Kule veki siza kuqwalasela amaxesha nokuhla-kunyuka kobomi bethu, ngakumbi njengoko konke kunegalelo kuthi nakwiintsapho zethu.

*\*Fundela Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka-Apreli 6.*

## Ekuqalekeni

IBhayibhile iqala ekuqalekeni, nto eyenza kungathandabuzeki ukuba kutheni iqala ngegama lesiHebhere elithi “Ekuqalekeni . . . (Gen. 1:1). Eyona ndawo ijonge kuyo ngokukodwa kusekuguqulweni komhlaba ukusuka kwimo yokuba “senyanyeni, kuselubala” (Gen. 1:2) kuye elizweni uThixo ngokwaKhe, ngosuku lwesithandathu, awathi ngalo “kulungile Kunene” (Gen. 1:31). Ngokufutshane, ekuqalekeni apha kusekuqaleni kwelizwe lethu.

**Funda uGenesis 1. Nangona kukuninzi okuqhubekayo, zibuze umbuzo othi: Ingaba ikho into erhesha ukuthi gqi nje esithubeni, okanye ithamsanqa, okanye kukho into eyenziwa ngocwangco, yonke into ngexesha nendawo efanelekileyo? Impendulo ithini ngemeko kaThixo okanye ubunjani baKhe?**

---



---



---

UEllen G. White wabhala wathi, “Ucwangco ngumthetho wokuqala weZulu” (Signs of the Times, Juni 8, 1908); kuyacaca ukuba kunjalo nasemhlabeni. Nangona isono siwuphazamisile umhlaba wendalo, kusekho, nokuba kungakanani, ucwangco, isingqi, nokuqhubeka kwezinto.

**Funda: Genesis 8:22. Lubonwa luyinto enjani ucwangco apha?**

---

Nasemva kokuWa, amaxesha abakho aphinde adlule ngendlela enocwangco rhoqo. Kungoko, kwakunye nezikhanyiso esibhakabhakeni, ezinjengezi, ilanga nenyanga, “ [zo]kwahlula imini kubusuku; zibe zezemiqondiso, zibe zezamaxesha, zibe zezemihla neminyaka ” (Gen. 1:14), kukwako namaxesha, konke kuyinxalenye yesingqi somhlaba awawudalayo uThixo. Ngokwenene, nangona nje isisthi tshazi ukubona, indima enjengekuIsaya 66:23 ithetha ukuba emazulwini amatsha nakumhlaba omtsha, ingqondo yesingqi, ngokwenene, iya kubakho nangoko.

**Cinga ngendlela enamandla ethi rhoqo ngayo iSabatha ukuba negalelo ebomini bakho, ngakumbi kubomi bosapho lwakho, nokuba lunjani. Kokuphi okuhle okubonakala kakhulu, ngaphandle kweSabatha nje, kodwa kulento yokuba ifika rhoqo?**

## Izingqi Zobomi

Iinzulu-lwazi zithetha ngento ekuthiwa zizingqi zojikelezo (maxa wambi zibizwe ngokuthi “ngamaxesha omzimba) ezilawula ukusebenza emizimbeni yethu. Ngamanye amazwi, ukulandelelana okuzingisileyo kukho ngaphakathi kwemizimba yethu. Kungoko, ngandlela ithile, zikho izingqi kuyo yonke indawo, nangaphakathi kwethu.

**Ngawaphi amaxesha aqikelelekayo obomi akhankanywe kwezi ndawo zilandelayo zesiBhalo, aye aqhagamshelke njani ngokuthe ngqo nobomi beentsapho zethu?**

Intsh. 3:2 \_\_\_\_\_

Gen. 21:8, Abagw. 13:24 \_\_\_\_\_

Nd. 71:5, IMiz. 5:18 \_\_\_\_\_

Gen. 15:15, Abagw. 8:32 \_\_\_\_\_

Nd. 90:10 \_\_\_\_\_

Phakathi kwamaqeqwe amabini encwadi yobomi, ukuzalwa nokufa, sonke siphumela kumaxesha awahlukeneyo, aye ahlukane kubantu ngabantu. Abanye abantwana abaphili xesha lide emva kokuba bezelwe; abanye bakhula babe ngabantu abakhulu abafikelela ekuvuthweni kobudala. Abantwana bakhula bahlume ngesantya sabo. Abanye bahamba okanye bathetha ngokukhawuleza kunabanye. Abanye bayakwazi ukuya esikolweni baze bakhule babe ngabaqeqeshekileyo, lo gama abanye bechitha ixesha labo kwezinye iintlobo zomsebenzi. Abanye baba neentsapho, baze abanye bangaze batshate okanye babe nabantwana. Ziibhiliyon abantu phezu komhlaba, kodwa nangona sonke sinokuninzi okufanayo, (bona IZenzo 17:26), elowo kuthi ungumntu oyedwa, ngenxa yoko, iiyantlukwano zikho kubomi bomntu ngamnye. Ngandlel’ ithile, ezi yantlukwano zibalulekile kuba zisenza, elowo kuthi, abe ngumntu oyedwa, nto leyo ethetha ukuba, umntu ngamnye kuthi, unento anokwabelana ngayo nabanye, abangenayo bona. Ngokufutshane, ukungafani kwethu kusenza ukuba sibe yintsikelelo kwabanye. Umzekelo, bonke, abatsha nabadala banako ukuzuza okuhle koko abanye bakunika abanye: “Isihombo samadodana ngamandla awo; ubuhle bamadoda amakhulu zizimvi” (IMiz. 20:29). Nokuba kukowuphi umgangatho esikuwo, akukhathaleki nokuba sahlukene kangakanani, Sisonke sinento esinganikela ngayo, kungekuphela eNkosini, kodwa nakomnye nomnye, ngokunjalo.

**Nokuba zinjani iimeko zobomi bakho ngoku, yintoni onokuyenza ukuze ube yintsikelelo komnye umntu? Kungani ukuba uthi ngoku usezingqondweni, wenze umzamo wokuba ube yiloo ntsikelelo, ngakumbi komnye okusapho lwakho?**

# Okungalindelekanga

**Funda: Yobhi 1:13–19, 2:7–9. Yintoni eyenzeka kuYobhi? Amava wakhe akubonisa njani oko kwenzeka kuye wonke umntu, ngandlela ithile, okanye ngexesha elithile?**

---

---

---

Filosofa yomGrike, uHeraclito, wathi, “Ayikho into ezenzileyo, yinguqu kuphela.” Njengoko kubanakala nokungathi izinto zonke zilungile, okungalindelekanga kuyenzeka. Kusenokuba kukulahleka komsebenzi okanye ilungu lomzimba, ukugula okusenza silale okanye sife siselula, ukutsha kwendlu, ingozi yemoto, ukuwa usahambisa isilwanyana sasekhaya.

Phofu ke, asizizo zonke iinguqu ezibhek’ ecaleni. Mhlawumbi ukunyuselwa emsebenzini kukhokelela kwimeko engcono yendyebo. Okanye mhlawumbi ukuhlangana nomntu oya kuthi abe liqabane lakho, inguqu abanokuyithanda kakhulu abanye. Nokuba kunjani, sinako ukuba sithi sisaqhubeka ngandlela yesingqi sesiqhelo, kusuke kuthi ngesiqophe kwenzeka okungalindelekanga, kuze konke esikuqhelileyo kuphazanyiswe.

Ngokuqinisekileyo uYobhi wayengalindelanga ixesha elitsha ebomini bakhe. IBhayibhile imchaza eyindoda “[eyayi]gqibelele, ithe tye, imoyika uThixo” (Yobhi 1:1). Siyazi nokuba wayetshatile, enoonyana abasixhenxe neentombi ezintathu, ekwanobutyebi obuninzi. (Yobhi 1:2, 3). Ngexesha sifika kumbindi wencwadi, ufumene iinkathazo ezinkulu, ukubala ezimbalwa: impahla zakhe, abasebenzi bakhe, abantwana bakhe, impilo yakhe, inkxaso yomkakhe, nenkuthazo kubahlolo bakhe. Ilizwe lalenze uqulukubhode, ubomi bakhe buchithakele.

Nangona oko kwenzekayo kwakubaxekile, ngubani kuthi ongakhange wanako okungalindelekanga, ngandlela embi kunjalo nje? Ubomi buse nokuthi buhamba kakuhle kusuke ngequbuliso, ngaphandle kwesilumkiso, yonke into isuke itshintshe ngokupheleleyo, buze ubomi bethu—neentsapho zethu—bungaphindi bube bubo. Asinto intsha le. UAbheli unokuba wayengalindelanga ukuba angabulawa, noYosefu wayengalindelanga ncam ukuba angathengiswa ebukhobokeni baseYiputa. Kula mabali omabini, amalungu osapho achukumiseka kakhulu koko kwenzeka kwamanye amalungu. IziBhalo zizele yimizekelo yabantu ababomi babo, neentsapho, baguqulwa kokungalindelekanga.

**Lukuncede njani ukholo lwakho phakathi kwezilingo ezithe, kungalindelekanga, saziphazamisa isingqi sobomi bakho?**

## Ukuguquka

Inyaniso yeyokuba abantu bazizidalwa zomkhwa. Kanti siyakwazi, ngokwenene, ukuhlala sizinze kwiindlela zethu, sithi ngokuya siba badala, kube nzima kakhulu ukuziguqula ezo ndlela. Ngokwenene, asiguquki lula. Bangaphi abafazi abakhalazayo minyaka le, “Ndizamile ukumtshintsha umyeni wam, kodwa . . .? Sekunjalo, uThixo uxakeke kukuzama ukusiguqula, ukuba akukwazeki kwimo esiyiyo, kodwa ngokuqinisekileyo, izimilo zethu. Kukangako okuqulathwe licebo losindiso: UThixo esenza ukuba sibe ngabantu abatsha sikuYe.

**Ngquko ni eyenzeka kuSawule waseTarso, yenzeka njani? IZenzo 8:1, 3; 9:1–22; Gal. 1:15–17.**

---



---



---

“Wathi uSawule akuzinikela ngokupheleleyo ekuthinjweni ngamandla kaMoya Oyingcwele, wazibona iimpazamo zobomi bakhe wabuqonda ububanzi bamabango omthetho kaThixo. Lo wayengumFarisi onekratshi, eqinisekile ukuba ugwetyelwa ngemisebenzi elungileyo, wathi wawa phambi koThixo ngokuzithoba nobulula bomntwana, evuma ukungafaneleki kwakhe ebhena ngokulunga koMsindisi owabethelelwayo wabuya wavuka. USawule wafuna ukufikelela kubunye obupheleleyo nobudlelwane bukaYise noNyana; waza wathi, ekuqineni kolu langazelelo lokuxolelwa nokwamkelwa, wenza izikhungo ngokuzingisa. . . . “Imithandazo yomFarisi oqukayo yayingelolize. Ezona nginga zinzulu nemizwa yentliziyo yayiguqulwe lubabalo lwezulu; zaza ezona ziphiwo zakhe zamandla engqondo eziphakamileyo zenziwa zahambelana nenjongo engunaphakade kaThixo. KuSawule, uKristu nobulungisa baKhe waba ngaphezu kwento yonke ehlabathini liphela.”—Ellen G. White, *IZenzo Zabapostile*, amaph. 119, 120.

Nokuba amabali eyethu inguquko awathathekisi nje ngelikaSawule, sonke sinokuba sinalo ibali lethu, amava endlela iNkosi esebenze ngayo ebomini bethu ukusiguqula. Kunjalo, umsebenzi unokuba uthabathe ixesha, ngamanye amaxesha kulula ukuthandabuza ukuba siza kuguquka. Ngamaxesha anje ngala, iindima ezimbini zeBhayibhile zibaluleke kakhulu ukuba kucamangwe ngazo nokuzibanga ukuba umntu zibe zezakhe.

**Funda uFilipi 1:6 noRoma 8:1. Zeziphi izithembiso ezikhulu ezibini ezikwezo ndima, zihlangana njani kunye emaveni omKristu?**

## Intsebenziswano

IBhayibhile yincwadi yolwalamano. UThixo wasidala ukuze sibe nolwalamano nabanye. Ngokwenene, bambalwa kuthi abaphila kubulolo obupheleleyo. Zisuka nje, akakho kuthi onokubakho angaphileli abanye. Nasemva kokuzalwa, sidinga abanye ukuba basikhathalele, ubuncinane, side sifike kwixabiso apho, ngokomthetho, sinokukwazi ukuziphilela ngokwethu. Kanti ke, nokuba singakwazi, ngubani ongathi afune njalo? Uninzi lwethu ludinga, kwaye lubawela ukuba phakathi kwabanye okanye abalingane abangabanye abantu. Nangona izilwanyana ezihlala emakhaya, njengezinja, zinokuba ngamaqabane awonwabisayo, ekugqibeleni, okona kusebenzisana nokwabelana ngobuhlobo okuneyona ntsingiselo inkulu neguqula ubomi ibakho ivela kwabanye abantu. Akumangalisi, ke ngoko, ukuba usapho, nolwalamano elusatsheni, kubaluleke kakhulu kubukho bethu. Ngenxa yokuba uninzi lwethu lusebenzisana, phantse amaxesha onke, nabanye, oku kusebenzisana kunako, kwaye kukholisa, ukuba negalelo kutshintsho nakwizingqisho zobomi bethu. Phofu, kusebenza ngeendlela ezimbini: abanye, ekusebenzisaneni kwabo nathi, baba negalelo ebomini bethu. Thina, ngelo xesha, ekusebenzisaneni nabanye singanegalelo ebomini babo. Kanti ke, nokuba siyayiqonda okanye asiyiqondi (amaxesha amaninzi asiyiqondi), oko kusebenzisana, nokuba kubheka ngaphi, kunokuba nokulungileyo okanye nokubi. Kubaluleke kakhulu kuthi, ke ngoko, ukuba sibe ngabahamba phambili, ukuze impembelelo yethu eqinisekileyo kwabanye isoloko iyeyokulungileyo, ngakumbi kwabo sisondele kakhulu kubo, abakholisa ukuba ngamalungu olwethu usapho.

**Funda ezi ndima zilandelayo. Zisixelela ukuba masenze ntoni ngokusebenzisana kwethu nabanye? Rom. 15:7; Efese 4:2, 32; 1 Tes. 3:12; Yakobi 5:16.**

---

Ngeendlela ezininzi, umthetho-siseko ulula. Ukuba senza kakuhle, ngobubele, nangemfesane kwabanye, siya kuba yimpembelelo elungileyo kubo, kude kufikelele kwindawo apho sinokubuguqula ubomi babo ngendlela entle kakhulu. Njengokuba kanye uYesu ebuguqula ubomi babantu ngendlela entle kakhulu, ilungelo elinjalo esinalo lokwenza into enjalo nakwabanye, nathi! Kwakhona, kufuneka sikhumbule ukuba impembelelo yethu iza kuba yeyokulungileyo okanye okubi, nokuba kungeendlela ezirhubuluzayo. Ayikho ke enye indawo apho le mpembelelo yethu, irhubuluzayo okanye ingarhubuluzi, iya kucaca kakhulu khona kungekuko kwiintsapho zethu.

**Khangela kwezi ntetho zimbini zikaYesu zilandelayo: Luka 11:34 noMarko 4:24, 25. Zithini ngokubaluleka kwendlela esisebenzisana ngayo nabanye?**

### Ingcamango Eyongeziweyo:

Yiba nomfanekiso ngqondweni weenguqu ezenzeka ebomini babafundi bakaKristu njengoko bachitha ixesha kunye naYe. Babengafundanga kakhulu, bengabantu nje abalula, beqhelene neemfundiso zezithethe zenkolo yabo yobuYuda, kodwa ngoku, babenikwe umngeni nguMfundisi waseGalili. Babe nomona. (Mat. 20:20–24) bexabana (Yohane 3:25); babengathi abanalukholo (Mark 9:28, 29), bada bamshiya (Mat. 26:56) bamngcatsha uYesu (Mat. 26:69–74). Kwangelo xesha linye, babekhula emoyeni kangangokuba abantu bamvuma uPetros ukuba ebe noYesu, (Mat. 26:73), namalungu eSanhedrin amangala xa babe bona uPetros noYohane “abangenamfundo, abangenakwazi.” “Babaqonda ukuba babenaye uYesu” (IZenzo 4:13). Cinga ngegalelo, ekunzima ukulikholelwa, esinokuba nalo kwiintsapho zethu ukuba singaphila ngendlela enokuthi, xa amanye amalungu osapho lwethu esibona, azi ukuba sibe “sinoYesu.” Athini la mazwi avela kuEllen G. White ngeempembelelo ekhayeni? “Ikhaya linokuba lula, kodwa linako ukusoloko liyindawo apho amazwi amnandi athethwa khona nezenzo zobubele zenziwa khona, apho imbeko nothando ziziindwendwe esezihlala khona.”—*The Adventist Home*, p. 18.

### Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Funda: Intshumayeli 3:1–8. Zithini ezi ndima, kwaye ungayisebenzisa njani imithetho-siseko ekhoyo apho kobakho ubomi nawakho amava?
2. Eklasini, thethani ngamanye amava aguqula ubomi eniphumele kuwo, nithethe ngezifundo enizifundileyo, ukuba ziyenzeka, izifundo enanimele ukuzifunda kodwa anazifunda. Nifunde ntoni kwizifundo enaningazazi? Thethani nangendlela la mava abuguqulayo ubomi anegalelo ngayo kwiintsapho zenu. Zifundo zini enizifundayo nakwezi meko?
3. Zeziphi iindlela oziphilayo namhlanje, ebekuya kuthi ukuba ebengekho uKristu ebomini benu, zibe zahluke kakhulu kunokuba zinjalo ngoku? Inixelela ntoni lo nto ngamandla kaKristu okusiguqula?